



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2017

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-8.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpindulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impindulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impindulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impindulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impindulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ lingqanyaniswe.
6. Ukuba kufunwa iimpindulo ezimbini/ezintathu iingongoma ezimbini-kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impindulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impindulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impindulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 Yingxolo yephulo lika '#FeesMustFall' ✓/Yokulwela imfundo engahlawulelwayo. ✓ (1)
- 1.1.2 C/Fele-fele. ✓ (1)
- 1.1.3 Imfundo engakhethi sigwili nasilambi ✓✓/Imfundo eza kufikelela kubo bonke abemi beli lizwe. **[Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 1.1.4 Kwantlandlolo. ✓ (1)
- 1.1.5 Idabi lemfundo esimahla nokuvalwa kwamaziko emfundo. ✓✓ (2)
- 1.1.6 Ubunye ✓/umanyano. ✓ (1)
- 1.1.7 Kwindawo zonke zoMzantsi Afrika ✓✓/kumaPhondo wonke aseMzantsi Afrika. ✓✓ (2)
- 1.1.8 Inyewe. ✓ /Udaba. ✓ (1)
- 1.1.9 Inkxaso yabo ibandakanya uphando-nzulu ngendlela yokuphunyezwa kwemfundo engahlawulelwayo. ✓✓ (2)
- 1.1.10 UMuammar Gaddafi. ✓
UThomas Sankara ✓ (2)
- 1.1.11 Uchaza ukuba uMzantsi Afrika utyebile unezimbiwa kwindawo ezininzi, kwaye kukho nenkcitho eninzi kumasebe karhulumente. ✓✓ (2)
- 1.1.12 Uqhankqalazo olu luqalwe phakathi. ✓/Imfazwe iqalwe phakathi. ✓ **[Nayiphi na kwezi.]** (1)
- 1.1.13 Amazwe afana neJamani neNetherlands aziwa ngokuba ngamazwe anabemi abafunde bonke. ✓✓ /Umgangatho wemfundo yabo usephezulu. ✓✓ **[Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 1.1.14 Umgangatho wemfundo wohluke mpela. ✓✓ (2)
- 1.1.15 Umakufanwe ✓
Umakulinganwe ✓/Ukuxabiseka okungenamkhethe. ✓ **[Nayiphi na kwezi.]** (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- | | | | |
|-----|-------|--|------------|
| 1.2 | 1.2.1 | Ecaweni. √ /lcawa √
[Nayiphi na kwezi.] | (1) |
| | 1.2.2 | Ngumfundisi, kuba unekhola emhlophe entanyeni. √√ | (2) |
| | 1.2.3 | Wonwabile √/uchulumancile, √/uncumo ebusweni buchaza ulonwabo. √ | (1) |
| | 1.2.4 | Uyayithanda indalo, uhombisa ngemithi kunye nengca. √√ | (2) |
| | | | [6] |

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo.

Ushwankathelo malumakishwe ngoluhlobo:

Ulwabiwo-manqaku

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engachapulanga ngqo.

- 1-3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4-5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6-7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi echapule ngqo.

- 6-7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1-5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	lingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo		lingongoma ezinokubhalwa ngumfundi
1.	Yonwabela ukuba nguwe, uzidle ngeyona ndlela eyakwenza ube ngumntu osoloko ekhululekile ngalo lonke ixesha. Ubomi bufuna umntu ozithembileyo, ozamkelayo neziphako zakhe	1.	Vuyela, ubuwena, zithande uzithembe, uzamkele ngokwenza njalo uyakusoloko ukhululekile.
2.	Fumana eyona nto uyithandayo uze uyilandele. Cingisisa yintoni onokuyenza iiyure ungadinwa kwaye ungapheli mdla? Ngokwenza njalo uzama ukukhangela olona bizo lwakho ebomini. Liphupha lakho ke elo, lithande uzithembe kulo ulilandele ngalo lonke ixesha.	2.	Zama into okholwa yiyo, fumane ithuba lokujonga ubizo lwakho ulithande ulandele ikamva lakho.
3.	Xa sele uyifumene eyona nto uyithandayo, yondle. Ibalulekile ke loo nto kuba xa ungayenziyo iza kufa. Into oyithandayo ifuna ukunkcenceshelwa njengesityalo.		Yondla iphupha lakho ulikhulise ngolwazi olizingela kubantu abanolwazi ngalo.
4.	Funa ulwazi oluphangaleleyo ngale nto uyithandayo. Ulwazi luvula ingqondo yakho, khumbula ulwazi oluncinane yingozi.	4.	Phanda ngale nto uyifunayo. Ulwazi oluninzi lukhanyisa ikamva lakho.
5.	Thatha imingcipheko kuba indlela yakho idlula kuyo. Xa kungekho mngcipheko akusoze tu ukwazi ukuhlahla apho ukhoyo, yazi mhlophe ukuba umvuzo uza kuba mncinci kakhulu.	5.	Thatha amanyathelo abanzi, usakha indlela yakho khon'ukuze uzokuphumelela uvuzwe ngawo
6.	Yiba nomonde. Zingisa kanye kwisiphiwo sakho. Umzingisi akanashwa, musa ukuphila ubomi obungaphantsi kobu ubudalelweyo.	6.	Zondelela, izingise, udlale indima yokwakha ubomi bakho.
7.	Bulela ukuphila ngokuba nguwe hayi omnye umntu. UYehova usidale sohluka ngenjongo Yakhe.	7.	Yiba nexesha lokumbulela uMdali wakho ngobomi akuphe bona. Yena usidale sohluka.
	(84)		(68)

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UKUMAKISHA ICANDELO C**

1. Upelo
 - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezi zizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekisele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 Yi- Eno. ✓ (1)
 - 3.2 ISIPHELISI ASIDI NGEPHANYAZO. ✓ (2)
 - 3.3 Bubuxoki – Kuba ibhaliwe ayisetyenziswa ngabantwana abaselula. ✓✓ (2)
 - 3.4 Yenzelwe ukubonisa abathengi ukuba iyafumaneka kwipakethi encinci nasebhotileni. ✓ (2)
 - 3.5 Ikhasi ngu-www.eno.co.za ✓ (1)
 - 3.6 Ukwaneliseka yimisebenzi ye-Eno ✓/wonwabile ✓/Uzibona ekhululekile kwisisu ebesine-Asidi ✓ /Wonwabile kuba nantso i-Asidi iboniswa iphuma isiya emlonyeni. ✓
 - [Nayiphi na kwezi.]** (1)
 - 3.7 D ✓/Kukucacisa isenzi. ✓ (1)
- [10]**

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 Mnumzana. ✓ (1)
- 4.2 C ✓/Udikiwe. ✓ (1)
- 4.3 Ukudikwa ✓✓/ukutyhafa ✓/ukukhalala ✓✓ (2)
- 4.4 Akunjalo nje. ✓✓ (2)
- 4.5 '#MasipalaMustFall' ✓✓ (2)

- 4.6 Yimani. ✓ (1)
- 4.7 2 / 10 / 16 ✓ (1)
- [10]**

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Umsebenzi. ✓ (1)
- 5.1.2 Isimaphambili. ✓ (1)
- 5.1.3 Bathe bengenababe befuna idrili. ✓✓ (2)
- 5.1.4 Mhlophe ✓ Isibaluli. ✓ (2)
- 5.1.5 C ✓/Ingxaki. ✓ (1)
- 5.1.6 Ukubeka phantsi ngokukhawuleza. ✓
Yehla ingxaki/Ingxaki ✓/Ukuphelelwa ngamazwi. ✓ (2)
- 5.1.7 Ukuhlola ✓ Utitshala uwuhlolile umsebenzi wabafundi. ✓✓ (3)
- 5.1.8 Waba sengxakini utitshala. ✓✓ (2)
- [14]**
- 5.2 5.2.1 Namhlanje Isihlomelo sexesha. ✓
Jize Isifanekisozwi. ✓ (2)
- 5.2.2 Isinciphiso kwimo yentsusa. ✓ (1)
- 5.2.3 Cwangcisa ikamva lakho ukuze ube ngumntu onempumelelo. ✓ (1)
- 5.2.4
- | | |
|-------------|-----------|
| Isimelabizo | Udidi |
| Bonke | Soquko ✓✓ |
- (2)
- [6]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80